NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2024

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I
# ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

---

**QAPHELA**

1. Eli phepha lemibuzo linamaphepha ali-15. Nceda ujonge ukuba iphepha lakho leemviwo liphelele.

2. Eli phepha linamaCANDELO amane.

   ICANDELO A: Izicatshulwa (30)
   ICANDELO B: Ushwankathelo (10)
   ICANDELO C: Imibongo (30)
   ICANDELO D: Ukusetyenziswa kolwimi (30)

3. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.

4. Funda ngenyameko uze uphendule imibuzo ngokwemiyalelo yayo.

5. Umthamo wempendulo mawukhokelwe ngamanqaku.

6. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

7. KwiCandelo C **unyanzelekile** ukuba uwuphendule **Umbuzo 3.1**, umbongo ongamiselwanga.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

---

IEB Copyright © 2024

## ICANDELO A

## UMBUZO 1

Funda ngenyameko ezi zicatshulwa zingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

1.1

1 Nawuphi na ummi, kufuneka alithande ilizwe lakhe. Ubuthandazwe ke asikokuthanda iidolophu nezakhiwo ngezakhiwo qha. Kufuneka sibathande bonke abantu abakwilizwe lethu namasiko nezithethe zabo. Kufuneka sibebanye, simanyane. Kaloku siziintlanga ngeentlanga, amaXhosa athetha isiXhosa, amaNdebele athetha isiNdebele, abeSuthu bathetha isiSuthu, abeTswana bathetha isiTswana, amaNgesi athetha isiNgesi, njalo-njalo.

2 Ukuze simanyane (sibe banye) masifundisane sikwazi ukuthetha ezi lwimi. Masifundisane izinto zenkcubeko yethu ngabanye ngabanye. Ezo zinto zizinto ezinjengeengoma zakwaNtu, izinxibo zakwaNtu nezinye izinto. Kudala umfazi wayengayinxibi ibhulukhwe, yayinxitywa ngamaNgesi. Ngoku wonke umntu uyayinxiba kuba sibanye. Ngenye imini sakuze silibone iNgesi linxibe inkciyo.

3 Sinawo nomhobe wesizwe kwilizwe lethu uMzantsi-Afrika. Siwucula ngeelwimi ezintathu. Loo nto ibonisa ubunye. Sineflegi yesizwe. Iflegi yesizwe inombala omnyama, omthubi, oluhlaza, omhlophe, obomvu kunye noblowu. Sineentsuku ezibalulekileyo kwilizwe lethu ezilishumi elinesibini esiye sizinike imbeko sithi ziiholide.

4 Masibambaneni ngezandla
Mzantsi Afrika
Sinebhongo ngesizwe sethu.
Sonke sicula ingoma yethu,
Nkosi Sikelel' iAfrika.

5 Masakhane, masakhane.
Siziinkokheli zangomso,
Iinkokheli zelizwe lethu.
Nkosi Sikelel' iAfrika.

[Sithathwe kwincwadi u*Vimba*, ibanga 8 iphepha 2 saza salungiselelwa u-FAL ngabakwa-IEB]

1.1.1 Funda umhlathi woku-1.

(a) Xela izinto zibembini ezenziwa ngabantu ukubonisa ukuba bathanda ilizwe labo. (2)

(b) Khankanya iintlanga ezimbini neelwimi ezithethwa zezo ntlanga uzikhethileyo. (2)

IEB Copyright © 2024

1.1.2 Funda umhlathi wesi-2.

(a) Kufuneka abantu benze ntoni ukuze bamanyane? (1)

(b) Nika umzekelo omnye kulo mhlathi 'wezinto zenkcubeko'. (1)

1.1.3 Funda umhlathi wesi-3.

(a) Umhobe wesizwe eMzantsi Afrika uculwa ngeelwimi ezingaphi? (1)

(b) Bhala into ibenye enakho ukusetyenziswa ukubonisa ubunye. (1)

1.1.4 Funda umhlathi wesi-4.

Wena mfundi ucinga ukuba umbhali uzama ukuthini xa esithi 'Masibambaneni ngezandla, Mzantsi Afrika'?

Khetha

A Masibambane
B Masimanyane
C Masidlale kunye (1)

**[9]**

IEB Copyright © 2024

1.2

**Ulutsha Notywala**

1 USomlomo weziko i-Association for Responsible Alcohol Use (ARA) u-Adrian Botha, uthi ukusela utywala nokunxila kolutsha kuyingozi enkulu kulo. Ubudala obusemthethweni bokuqala ukusela utywala kweli yiminyaka elishumi elinesibhozo, kodwa abantwana badibana notywala abanye beseneshumi elinanye kuphela. Kubalulekile ukubonisa ulutsha ukuba lukhule ngokwaneleyo ukuze lukwazi ukujongana nemeko efanele abantu abadala. Kunzima ke ukucacisa le nto xa abantu abadala bengenankathalo. Xa abantwana bengena kunyaka webanga leshumi elinambini lixesha lamatheko ematriki, bahamba iindawo zokujuxuza, imibhiyozo yokugqiba iminyaka elishumi elinesibhozo. Zonke ezi zinto zenza ubomi babo bungazinzi kumntu oqala ukungena ebudaleni.

2 Kutheni ulutsha lusela nje?
Ulutsha lusela ngenxa yezizathu ezininzi, ukusukela kwiingxaki zomphefumlo ukuya kwiinzame zokwamkeleka kubahlobo.

3 Iziphumo zotywala kulutsha:
Ingqondo ayikwazi kuzinza – kunzima ukuzinzisa ingqondo, alukwazi ukuqwalasela kwanto luphazamiseke nje lula.
Ulwaphulo-mthetho nobundlobongela – xa ulutsha lusela utywala ingqondo ayizinzi yenza ukuba ulutsha luzifake kwiimeko ezinobungozi ixesha elininzi.
Ukuxhatshazwa nendibano yesondo enobungozi – kuphinde kubandakanye ukwabelana ngesondo bengazikhuselanga, loo nto izisa usulelwano ngezifo eziyingozi kunye nokukhulelwa okungacetywanga.

[Sithathwe kwiBona Magazini kaJuni 2012, umbhali nguLuno Zaka saze salungiselelwa u-FAL ngabakwa-IEB]

1.2.1 Funda umhlathi woku-1.

(a) Nika ubudala obusemthethweni bokuqala ukusela utywala. (1)

(b) Usebenza phi u-Adrian Botha? (1)

1.2.2 Funda umhlathi wesi-2.

Xela isizathu esinye esibangela ukuba ulutsha lusele utywala. (1)

1.2.3 Funda umhlathi wesi-3.

(a) Xela iziphumo ezimbini zotywala kulutsha. (2)

(b) Wena mfundi ucinga ukuba utywala buyingozi ebomini? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[7]**

IEB Copyright © 2024

1.3 Funda esi sibhengezo ntengiso singezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Yizani nonke! Khawulezani nonke!**



*Amaxabiso athotywe ngama-50%*

**Iimpahla nezihlangu ziyalahlwa!**

**Yizani nifumane ezenu ngemalana encinci!**

**KWASHELLY**
ERHINI

**NgoLwesihlanu wama-22 ukuya kowama-29 kaNovemba 2024 xa zisekhona.**

**Iimpahla nezihlangu zamakhwenkwe nezamantombazana Iilokhwe, izikipa, iikawusi kunye nezihlangu.**

**Xa umntu ethenge zambini kwinto nganye, uza kufumana eyesithathu mahala.**

**[Nxibelelana nathi kule nombolo: 046 - 987 543 21]**

1.3.1 Esi sibhengezo-ntengiso sibhekiswe koobani?

Xhasa impendulo yakho. (2)

1.3.2 Xela igama lale venkile ithengisa apha? (1)

1.3.3 Ungayifumana phi le venkile? (1)

1.3.4 Yinyani okanye bubuxoki intetho ethi, '*Iimpahla nezihlangu ziyalahlwa*'?

Xhasa impendulo yakho. (2)

1.3.5 Shwankathela esi sibhengezo ngamazwi akho. Bhala izivakalisi ezithathu. (3)

**[9]**

1.4 Qwalasela le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Ithathwe kwi-intanethi yaze yalungiselelwa u-FAL ngabakwa-IEB.]

1.4.1 U-Angie uziva njani kule khathuni? Xhasa impendulo yakho (2)

1.4.2 Wena mfundi, ucinga ukuba yintoni ebangela ukuba uAngie azive nje? (2)

1.4.3 Ingaba kutheni iingxaki zokufunda iilwimi zifaniswa nokufunda iziBalo? (1)

**[5]**

**30 amanqaku**

## ICANDELO B USHWANKATHELO/UKUSHWANKATHELA

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa singezantsi, uze usishwankathele ngawakho amazwi.

**QAPHELA:**

Bhala amagama **angama-50 ukuya kwangama-60** ukubonisa ukuqonda.

Bhala ingongoma ibe NYE kwisivakalisi ngasinye.

Ungabhala izivakalisi **ezihlanu ezinomthamo OKANYE umhlathana**.

Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo ezantsi kwesishwankathelo.

**URassie Erasmus ngumqeqeshi weSpringbok kwakhona!**



uRassie Erasmus ubuyele esikhundleni sakhe sokuqeqesha kwiqela lesizwe loMzantsi Afrika lombhoxo. Isibhengezo senziwe ngumbutho olawula umbhoxo, iSouth African Rugby, emalanga ngoLwesibini wale veki.

Ukubuya kwakhe uRassie kulandela ezithendeni zikaJacques Nienaber ongumqeqeshi weLeinster yase-Ireland ngoku. Emva kweminyaka emine, uNienaber uye washenxa esikhundleni sokuqeqesha amaBhokobhoko emva kokuba ebuye neNdebe yeHlabathi kunyaka ophelileyo eFrance.

Yena wayethathe iintambo kuRassie owayebuye nendebe eJapan ekupheleni kuka-2019. Ebesekhona uRassie nakwedlulileyo itumente kwaye ebebonwa njengoyena ngqondongqondo oncede uMzantsi Afrika oyiphumelele ityeli lesine iNdebe yeHlabathi ukusukela ngo-1995.

URassie uza kubagcina abancedisi bakhe abaquka uMzwandile Stick, uDeon Davids, uDaan Human, uTony Brown noJerry Flannery. Abancedisi abatsha ngu-Andy Edwards noDuane Vermeulen obekade engumdlali weSpringbok. Yena obekade engusompempe owaziwayo, uJaco Peyper, uchongwe njengomcebisi wezomthetho omtsha.

Ethetha emva kokubuyela esikhundleni esitshisayo kwakhona, uRassie uthe: "Kuliwonga elikhulu ukuba ngumqeqeshi weSpringbok. Ndibulela ukuthenjwa kwam.

"Umahluko phakathi kweminyaka emine egqithileyo nesizini ezayo kukuba ndiza kuxhuzula imikhala ngokwam. Ndisengumlawuli, bendisebenzisana noJacques nabanye abaqeqeshi. Loo nto ithi kufanele kube lula ukubuyela kwam kwisikhundla sokuqeqesha."

UMongameli weSA Rugby, uMark Alexander, uvakalise uchulumanco ngokubuya kukaRassie. "Kuluvuyo kuthi ukwazisa uRassie Erasmus njengomntu oza kuba ngumqeqeshi oyintloko weSpringbok. Siqinisekile ukuba iqela lesizwe lisezandleni ezilungileyo futhi liza kukwazi ukuphumelela itumente yehlabathi ityeli lesithathu ngokulandelelana – leyo yinjongo yethu.

URassie unamava kakhulu njengomdlali. Ukuba ngumqeqeshi wamaqela esizwe kuza kunceda abadlali abasakhulayo abaza kudlalela amaBhokobhoko kwixesha elizayo," uvale ngaloo mazwi u-Alexander weSA Rugby.

[Sithathwe kwi-intanethi u-<https://www.isolezwesixhosa.co.za/ezemidlalo/nguPedro Mapelo -February 7, 2024 saze salungiselelwa u-FAL ngabakwa-IEB]

**10 amanqaku**

IEB Copyright © 2024

## ICANDELO C IMIBONGO

Phendula yonke imibuzo esetwe kwimibongo.

### UMBUZO 3

### 3.1 UMBONGO ONGAFUNDISWANGA

Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Nomathotholo-ndini!**

1 Ukho ezindlwini nasemisebenzini ngokubanzi
Emagumbini ezihotele nasemagumbini okufunda
Ezimotweni, eziteksini nasezibhasini zikawonke-wonke
Bayakucofa-cofa bekujija-jija maxesha onke
Ingulowo ukhangela isitishi asithandayo
Abanye bakhangela iinkqubo ezinomdla kubo

2 Kutheni besithi ungunomathotholo nje xa bekubiza?
Kaloku kuvakala lowo uthethayo yena engabonakali
Kuvakala umculo oziindidi kodwa ababonakali abaculi
Kuvakala iingxoxo ziqhubeka neendaba zifundwa
Siva nosasazo ngqo lwezemidlalo luqhubeka, nezinye ke
Umbuzo ke ngulo, bangene bonke ngaphakathi?
Nantso ke imimangaliso kanomathotholo.

[IsiXhosa Ngumdiliya (5) – Matangana;Tiso *et al*]

3.1.1 Yintoni unomathotholo? Khetha impendulo elungileyo.

A Umabonakude
B Iradiyo
C Ifowuni
D I–*ipad* (1)

3.1.2 Funda isitanza soku-1.

(a) Xela iindawo ezimbini ongafumana kuzo unomathotholo. (2)

(b) Khankanya/xela izinto zibembini ezikhangelwa ngabantu kunomathotholo. (2)

3.1.3 Funda isitanza sesi-2.

(a) Ingaba kutheni igama '*kuvakala*' liphinda-phindwa nje? (1)

(b) Xela izinto ezimbini oziva kunomathotholo. (2)

(c) Khupha *isifanekiso-zwi* kulo mhlathi. (1)

(d) Yintoni '*imimangaliso konomathotholo*'? (1)

**[10]**

## IMIBONGO EFUNDISIWEYO

3.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UKWIDABI LOBOMI** **M.M.M. Duka**

1 Ukwidabi lobomi phantsi kwelanga.
Yilwa Jonindini! Lide lim'ilanga.
Funza! Binza! Ayilolankenenkene eli.
Woyise emfazweni, leloloyiso eli.

2 Noba umanxeba, bheka phambili.
Intliziyo imajaja, qengqa ugodo.
Yomelela uqine, ungazigobh'izidlele.
Hlehlela imbekaphambili kuphela.

3 Sele ulutywantsi, zikhothe amanxeba.
Mus' ukunikezela ube ngukhaka kampethu.
Wophila lithemba lona aligwinti.
Zuza uloyiso, udle ukubila kwakho.

4 Abalahl' izixhobo, ziintlanzi ezitshelwe ngamanzi.
Baphethuke basabe, abahlabi bekhangele.
Babazizisulu kwiintshaba, baginywa naziimpukane.
Bagcuntswa emiqolo, bazalwa badla bafa!

5 Uloyiso lolwakho, kule mfazwe yobomi!
Wena khaliphandini woyisa ungekalwi,
Ungahlehli amagwala afa engekalwi.
Ungasabi ukuphila kunemingeni.
I-Afrika siyakha ngaloo mingeni!

3.2.1 Funda isitanza soku-1.

(a) Ubomi bufaniswa nantoni kwesi stanza? (1)

(b) La magama – *ijoni/yilwa* abonisa _____.

Khetha:

A Imfazwe
B Umdlalo
C Uxolo (1)

(c) Nika *isithetha nto nye* seli gama – *imfazwe*. (1)

(d) Chaza eli binzana ngamazwi akho – '*lide lim' ilanga*' (1)

IEB Copyright © 2024

3.2.2 Funda isitanza sesi-2.

(a) Shwankathela esi stanza ngamazwi akho. (1)

(b) Khetha amagama amabini athetha into enye kwesi stanza. (1)

3.2.3 Funda isitanza sesi-3.

Ingaba '*ukukhotha amanxeba*' kuthetha ukuthini? (1)

3.2.4 Funda isitanza sesi-4.

Khupha *isikweko* esinye kwesi stanza (1)

3.2.5 Funda isitanza sesi-5.

Khupha umzekelo *wophinda-phindo* kwesi stanza? (1)

3.2.6 Wena mfundi ufunde esiphi isifundo kulo mbongo? (1)

**[10]**

3.3 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**IKHAYA – I.K. Nqonqoza**

1 Sisimiselo saphakade,
Luqilima lwaphakade.
Ngutamkhulu ngumakhulu,
Ngutata ngumama,
Ngumnakwethu ngumsakwethu.
Bonke bandawon'inye,
Bonke banteth'inye.

2 Ungathinjwa lilizwe,
Wohlala ulicinge.
Ungabhadwa ngabangendawo,
Ubuya wamkeleke.
Wakuhlaselwa zizihange,
Lilukhuselo kuwe,
Livingce malakatha.

3.3.1 Xela *umxholo* walo mbongo. (2)

IEB Copyright © 2024

3.3.2 Funda isitanza soku-1.

(a) Bhala isithetha nto nye seli gama – *luqilima.*

Khetha:

A Into entle
B Into eyoyikayo
C Into eyomeleleyo

(1)

(b) Ngoobani abenza ikhaya libe likhaya? (1)

(c) Xela ukuba kusetyenziswe esiphi isafobe kwesi sivakalisi singezantsi:

Ikhaya '*ngutamkhulu, ngumakhulu, ngutata, ngumama*'.

Khetha:

A Isifaniso
B Isikweko
C Isimntwiso
D Isibaxo (1)

(d) Ingaba imbongi izama kuthini ngosapho xa isithi:

*Bonke bandawon'inye,*
*Bonke banteth'inye.* (1)

3.3.3 Funda isitanza sesi-2.

(a) Imbongi ithi yintoni '*elukhuselo kuwe*'? (1)

(b) Ziintoni '*izihange*'? Nika isithetha nto nye esilungileyo. (1)

(c) Umntu ngamnye '*ulicinga*' nini ikhaya? (1)

3.3.4 Wena mfundi ungathi imfundiso yalo mhobe yintoni/ufunde ntoni kulo mhobe? (1)

**[10]**

**30 amanqaku**

## ICANDELO D UKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 4

**Bhala kwakhona ezi zivakalisi kwisilanduli.**

4.1 Umama <u>wathenga</u> ukutya edolophini.

4.2 Abafundi <u>bathandwa</u> kakhulu yititshala.

4.3 Balekani!

4.4 Le nja yinja yam <u>ekhonkothayo</u>. **[4]**

### UMBUZO 5

**Bhala kwakhona ezi zivakalisi.**

***A. Kwixesha elizayo***
***B. Kwixesha ebelidlula***

5.1 Umfazi uthenga iilekese ezininzi.

5.2 Iinkomo azithandi ukusela ubisi. **[4]**

### UMBUZO 6

**Bhala kwakhona la magama akwizibiyeli kwisalathandawo.**

6.1 Abafundi baya (isikolo). ______________________

6.2 Amahashe asela amanzi (umlambo). ___________________ **[2]**

### UMBUZO 7

**Guqula ezi zivakalisi zibe kwisenziwa.**

7.1 Usisi wam usela amanzi emlanjeni.


7.2 Abantu balima umbona.

7.3 Intombi iyafunda. **[3]**

IEB Copyright © 2024

## UMBUZO 8

**Funda le ncoko iphakathi ko Themba no-Amahle. Phinda uyibhale le ncoko kwingxelo-ntetho.**




**[2]**

## UMBUZO 9

**Gqibezela le tafile njengoko ubonisiwe kumzekelo.**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| **Umz: inja** | asiyonja | yona | yodwa | le |
| **Umntu** | 9.1 | 9.2 | yedwa | lo |
| **Isikolo** | Asisosikolo | sona | 9.3 | 9.4 |

**[4]**

## UMBUZO 10

**Lungisa amagama akwizibiyeli kwezi zivakalisi. Khetha kwezi zimamva ezisebhokisini. Bhala igama elilungileyo lodwa.**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| -eka | -ana | -isa | -ela | -wa |

10.1 UMama u **(thenga)** uTata imoto.

10.2 UNomsa noThemba baya **(thanda)**, baza kutshata! **[2]**

## UMBUZO 11

**Lungisa ezi zivakalisi ngokulungisa amagama abiyelweyo.**

11.1 Umfundi udla **(ukusebenza)**.

11.2 Kufuneka iititshala **(phumla)**. **[2]**

IEB Copyright © 2024

## UMBUZO 12

**Gqibezela ezi zivakalisi ngokusebenzisa izivumelanisi zezichazi ezifanelekileyo.**

12.1 ___phi abantwana ___am?

12.2 Ndibona indoda _____ futshane.

12.3 UNomsa uthenga izinja ____ luma ____.

12.4 Indlu ____mfazi intle. **[5]**

## UMBUZO 13

**Bhala kwakhona la magama kwisinciphiso.**

13.1 Intambo

13.2 Imoto **[2]**

**30 amanqaku**

**Ewonke amanqaku: 100**

IEB Copyright © 2024